JustTransitions

IPHEPHA ELINIKA ULWAZI OLULUNCEDO 06

Ukusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo kwilungelo labantu lokutya okunempilo nobulungisa ekuhlaleni ngokunxulumene nemozulu

Utshintsho olunzulu nolungundoqo luyafuneka ukuphelisa iigesi ezikhutshwayo kunye nokwakha imisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya enobulungisa nekwaziyo ukumelana neempembelelo zemozulu. Kukhuthazwa uluhlu lwezisombululo zokunciphisa kunye nokuziqhelanisa nemozulu, ekufuneka zihlolelwe igalelo lazo kutshintsho kwezentlalo, lwendalo noloqoqosho olufunekayo kutshintsho lokwabiwa koqoqosho kwimisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya yaseMzantsi Afrika.

Kutyhalwa uluhlu lwezisombululo ezingeyonyani. Bafuna sikholwe ubuxoki bokuba okufunekayo nje lulungiso oluncinci kwinkqubo esele ikhona.

Iimpembelelo ezinyukayo zamaqumrhu kwizithuba zomgaqonkqubo wehlabathi nowesizwe zikhokelela kwinkxaso yeqela lezisombululo ezingeyonyani zotshintsho lwemozulu, oko okuphazamisa utshintsho olufunekayo kwinkqubo xa iyonke. Ezi zisombululo zingeyonyani ngokugqwesileyo zilungisa imiba yemisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya, kodwa ixesha elininzi zinyanzelisa iipateni ezikhoyo zamandla kunye nokungalingani ngokuvelisa ngokutsha kunye 'nokukhohlisa' ngale ngcinga kunye neenkqubo ezinye ezingunobangela wentlekele embi esijongene nayo.

Imizekelo yezisombululo ezingeyonyani iquka:

- Ukulungiswa kobuchwepheshe obujolise ekugcineni ukuvelisa (ngokunjalo nolawulo neenzuzo) kwindlela yezoshishino – umzekelo, izityalo ezifakwe i-DNA yezinye izityalo ukuze zibe nophawu olwahlukile kuquka ezo ngokungeyonyani zithembisa ukuyinyamezela imbalela kunye nesondlo esingaphaya, nojoliso ekuphuhliseni iimveliso zodidi eziphucula ukulima,[1] ukutshintshela kwidijithali neeseti ezinkulu ngokugqithisileyo zedatha. Ishishini lezolimo lisebenzise kananjalo neendlela ezohlukeneyo zolimo ezijongana nemingeni yemozulu (climate smart agriculture) (CSA) ukunika ulwazi olukgohlisayo ngokuzisa imithombo yoshishino kumafama asakhasayo kusetyenziswa inkxaso yokuziqhelanisa kwimozulu. Ezi zisombululo zobuchwepheshe kwingxaki ziyaqhuba zingakunaki ukudibana okubanzi okuphakathi kwezinto eziphilayo ezinonxulumano nendalo, zijolise kwimiba emincinci yokuvelisa.
- Ukuvumela ukuba icandelo labucala libumbe amanyathelo okuphumeza utshintsho ngentsebenziswano karhulumente neyabucala erhuma ngemali karhulumente kwiiajenda zecandelo labucala.
- Iinkqubo ezibandakanya amahlakani amaninzi zingenazindlela zokuthatha uxanduva okanye zokunciphisa ukunalingani kwamagunya.
- Ukugqityezelwa kwemiba leyo icandelo labucala likhetha kuphela ezo zisombululo zilixhamlisayo lineenzuzo zemarike ngaphezu kweemfuno zasekuhlaleni nezendalo.

1. Izinto eziphilayo ezo ulwakhiwo lwazo lwezofuzo lutshintshiweyo (Genetically modified organisms) (ii-GMO) zenza athontelane ngokungaphaya amafama kwimithombo yoshishino ebanga ungcoliseko emanzini nasemhlabeni, zitshabalalisa iindidi zezityalo nezilwanyana ezohlukeneyo nomonakalo kwimozulu. Ngeke zizisombulule iingxaki ezibanzi ii-GMO ezo zifana nemiba emininzi ephembelela indlela esisabela ngayo isityalo kwimbalela. Ijini ethile kananjalo emelana nembalela evunyiweyo eMzantsi Afrika ibonakele ingasebenzi. Ngokufanayo, isondlo esoneleyo siphunyezwa ngokonyusa iyantlukwano ekutyeni okunempilo okutyiwa ngabantu, hayi ngejini enyusa isondlo esinye ngendlela engenakuthelekelelwa kwangaphambili kwimo engqongileyo yokuphila etshintshayo.

Ukwakha ukumelana ngempumelelo neempembelelo zemozulu kwimisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya kutshintsho lokwabiwa koqoqosho ngokunobulungisa kuthetha ukukwazi ukuphila ngexesha lemeko embi kuthathela ingqalelo isiseko sokuba sesichengeni kwaye okujongana nobudlelwane beenkqubo namagunya ekufuneka zitshintshe.

Kukho imisebenzi emithathu engundoqo ekwakheni ukumelana ngempumelelo neempembelelo zemozulu kwimisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya kutshintsho lokwabiwa koqoqosho ngokunobulungisa:

1. Ukwehlisa iigesi ezikhutshwayo kuyo yonke imisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya (ukunciphisa)
2. Ukwenza ukuba ukuveliswa nokwabiwa kokutya kumelane ngempumelelo (uqhelaniso)
3. Ukuhlangabezana neemfuno zasekuhlaleni nezesondlo

Oku kuthetha ukuba singasebenza ngokubhekisele kutshintsho olufunekayo kwinkqubo xa iyonke yemisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya okuthathela ingqalelo isiseko sokuba sesichengeni kwaye lujongane nobudlelwane beenkqubo kunye namagunya ekufuneka atshintshe, endaweni yendlela engenzulwanga evelayo kwiinkqubo esele zikhona kwaye ebeka uxanduva emizini kunye nakubasebenzi ukudala ukumelana nemeko ngokuziqhelanisa neemeko abangakhange bazidale.

Ukuphumeza oku kumelana, imisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya kufuneka itshintshe nzulu ngokubhekisele ekusetyenzisweni kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo, apho utshintsho lomhlaba kunye nokunxulumene nomhlaba ingamathuba otshintsho lokwabiwa koqoqosho ngokunobulungisa, ukubuyiselwa kwimo yangaphambili kwendalo kunye nelungelo labantu lokutya okunempilo.[2]

2. ILungelo labaNtu lokuTya okuneMpilo lilungelo labantu lokutya okunempilo kunye nokufanelekileyo kwinkcubeko yabo okuveliswa ngeendlela ezifanelekileyo zendalo nezizinzileyo, kunye nelungelo labo lokubonisa okwabo ukutya kunye neenkqubo zolimo.

Yintoni ukusetyenziswa kwemithethosiseko **yendalo kwiinkqubo zolimo?**

Ukusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo kufunda kwindalo kwaye kusebenzisa oku kufunda kwindlela esivelisa ngayo ukutya kunye nokuyila imisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya enobulungisa, ezinzileyo nekwaziyo ukumelana neempembelelo zemozulu.

Ukusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo yindlela eqala kumacandelo awodwa isiya kumacandelo amakhulu eziseko zayo zikumava ezigidi zamafama asakhasayo kunye nabavelisi bokutya bosapho kwihlabathi liphela ababeloba, belima isilimo, besolusa imfuyo, kwaye bevuna ukutya okungalinyelwa urhwebo kwimimandla yabo kwizizukulwana ngezizukulwana. Baqwalasele ngononophelo iimo zabo ezibangqongileyo kwaye baziqhelanisa nemisebenzi yabo yokuvelisa ukutya kwimixholo yabo ekhethekileyo.

Kuba imbonakalo bume yengingqi, imihlaba, imozulu kunye neemeko ezinxulumene nezentlalo noqoqosho, ngokunjalo nenkcubeko yendawo nganye iyodwa kwaye yohlukile, indlela ukusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo kwenziwa ngayo ngeke kufane yonke indawo. Ukusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo kubhekisele kwimithethosiseko eqhelekileyo ukusuka kwiinkqubo ezizinzileyo ukuya kumxholo wengingqi, oko okukhokelela kwizenzo kunye nakwizisombululo ezohlukeneyo emhlabeni kwihlabathi jikelele.

Iinzululwazi zendalo zijonga ubudlelwane phakathi kwezinto eziphilayo (kuquka abantu) kunye nemo ezingqongileyo. Ukusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo ke ngoko kusebenzisa iinzululwazi zendalo kwezolimo kunye nemisebenzi yokuvelisa kuye ekutyweni kokutya, kuhlanganisa ubulumko kunye nolwazi lwemveli lwabavelisi bokutya kunye nolwabo babaphandi kwiinkalo ezohlukeneyo abakwenza nzulu ukuqonda kwethu malunga nokuba zisebenza njani izinto eziphilayo zendalo.

Ukusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo kudibanisa uluntu oluqhelekileyo, amatshantliziyo, abaphandi, oosonzuluwazi, abasebenzi nabasebenzisi kumbutho wehlabathi osebenza ngokubhekisele kwilungelo labantu lokutya okunempilo. Sikunye singasebenza kutshintsho lwezentlalo, lwezopolitiko noloqoqosho olufunekayo ukutshintsha imisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya ekhoyo ngoku ukuqinisekisa amalungelo oluntu, kuquka ilungelo labantu lokutya kunye nokuvelisa ukutya okunempilo nokufanele inkcubeko yabantu, okulinywe kwaye kwavunwa ngeendlela ezifanelekele kwaye zalungela indalo.

Oku kufuna sicele umngeni kwaye sitshintshe ukungalingani kwamagunya okunzulu eluntwini kwaye sibuyele kulawulo lwembewu, iindidi zezityalo nezilwanyana ezohlukeneyo, umhlaba nemimandla, amanzi, ulwazi, inkcubeko kunye nemithombo ebantwini bemveli kunye nakumafama asakhasayo nabavelisi abanemihlaba emincinci abondla abantu abaninzi emhlabeni.

Ukusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo kuyaxhathisa kurhwebo olongameleyo lwamaqumrhu kunye nakwimisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya okufakwe kumashishini endaweni yoko kukhuthaza uqoqosho lokuyisebenzisa kwakhona imathiriyeli kunye nolo lufuna ukuphucula umgangatho wobomi oko kusenziwa ngeemarike zengingqi okanye zemimandla ngokusekelwe kuthungelwano oluselubala phakathi kwabavelisi nabasebenzisi. Uqoqosho olufuna ukuphucula umgangatho wobomi luyixabisile intsebenziswano efana macala, ubulungisa, kunye nokwenza ezentlalo neziqoqosho zibe nedemokrasi ukuxhasa impilontle yabantu kunye neyeplanethi ngaphezu kwenzuzo.

Ukuhlonipha igalelo labasetyhini nolutsha kwimisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya kwaye ilungelo labo lokuthatha inxaxheba ngenkuthalo kuyo yonke imiba yokwenziwa kwezigqibo ngundoqo kule ndlela.

Ukusetyenziswa kwemithethosiseko **yendalo kwiinkqubo zolimo ekumelaneni neempembelelo zemozulu**

Ukusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo kwakha ukumelana neempembelelo zemozulu kwimisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya ngoku:

- Ukondla uluntu ngokutya okufreshi, okunesondlo esiphezulu, kwaye okungenayo ityhefu okufikeleleka kwingingqi kunye nokufikelelekayo ngokwemali.
- Ukugxininisa iindlela zokutshintshisana kunye nezothatho nxaxheba, kusakhelwa elwazini kunye nokuludibanisa nokutsha okuveliswe kwezenzululwazi okomeleza ubudlelwane boluntu kunye nokukwazi ukusabela kwimingeni ngezisombululo ezibalulekileyo kwingingqi.
- Ukudibanisa abavelisi, abasebenzisi kunye nemo yabo ebangqongileyo yengingqi. Ekhaya - imveliso kunye nokutya kwemveli kunokwenzeka ukuba kuqhelaniswe nokwalapha ekhaya, ngoko ke zimelane nemeko, zifaneleke kwaye zixhase indalo nenkcubeko yaloo ndawo, kukhokelela ekumelaneni neempembelelo zotshintsho lwemozulu kunye nezinye izinto ezifaka uxinzelelo ezifana nezifo okanye izitshabalalisi ezonyukileyo.
- Ukujolisa kwiimarike zengingi nezommandla kunye nontshintshiselwano, oluphepha imfuno yezothutho ezidla amandla ombane, ukupakisha, ukusebenza kunye nokufakwa ezifrijini. Ukuvelisela ukutyiwa kakhulu kwingingqi kuthetha kananjalo ukutya ekunokusetyenzwa ngako ngokulula ngokungaphaya ngobuchwepheshe obufumaneka kwingingqi, ngeesikeyile esincinci, okufikelelekayo nokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa nokwakha imithombo yendalo yengingqi esimahla kwaye efikelelekayo kubavelisi, ekhuthaza ukuzinceda ngokwakho kwaye enceda ukulondoloza imali enokusetyenziswa kumaxesha entlekele, endaweni yokwenza amatyala. Kuphepha ukusebenzisa amayeza okubulala izitshabalalisi kunye nezichumiso zemichiza, ezonakalisa umhlaba, zingcolise okusingqongileyo (ingakumbi imithombo yamanzi), kwaye ekhupha iigesi ezibamba ubushushu emhlabeni ngexa lokusetyenziswa ngamandlla kombane kunye nokhutshwa kweegesi kummandla.
- Imisebenzi yokuvelisa exhasa inkqubo ephilayo phakathi kwemathiriyeli evela kwinto ebiphilayo, iimpilana nezityalo ukuphucula impilo, ulwakheko nesondlo esikhoyo emhlabeni. Le mihlaba iphilayo iyakuphepha ukuxinana okudala ukugeleza kwamanzi kunye nokhukuliseko kwaye igcina ngcono amanzi kunye nomhlaba wekhabhoni.
- Imisebenzi elondoloza amanzi ngokunyusa ukungena kwawo kunye nokubamba amanzi ixesha elide, kuquka ukuyilwa kweziseko ezigcina amanzi, ukonyusa iyantlukwano yezityalo kunye nokogquma, isigcina kufuma emhlabeni, kunye nokulungisa imihlaba echume ngokunzulu kwaye egcwele izinto eziphilayo. Oku kunceda ukufunxa nokwehlisa amandla amanzi ezikhukula, kodwa kunika kananjalo ukufuma kwisilimo nobomi bomhlaba onokuhlala amathuba amade ngaphandle kwemvula.
- Ukwakhela kulwazi lwengingqi nolwemveli kunye nelifa, kuquka imbewu eqhelanisiwe nengingqi kodwa eneyentlukwano yeejini kunye neentlobo zezilwanyana ezimelana ngokungaphaya neempembelelo zeentlobo zemozulu nezifo.
- Ukuxabisa indalo njengenxenye yeenkqubo zokutya nezokuphila. Ezi zilondoloziwe kwaye zinika ukumelana neempembelelo kwinqanaba lembonakalo bume kwiimeko ezigqithisileyo zemozulu kunye nezinye izihlo zemozulu ezonakalisayo.

Ukusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo kutshintsho lwemisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya

Kwiminyaka eli-10 ukuya kweli-15, ukusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo kufumene inkxaso kwihlabathi jikelele, kuquka kuMbutho wokuTya nezoLimo we-UN (Food and Agricultural Organisation) (FAO), kwaye kutsha nje njengenkqubo yokusebenza kwiKomiti yokuFumaneka kokuTya kweHlabathi (Committee for World Food Security) (CFS). IPhaneli yeNqanaba eliPhezulu leeNgcali ekuTyeni nakwiSondlo (High Level Panel of Experts on Food and Nutrition) (HLPE), iqumrhu elizimeleyo lezenzululwazi elinika uphando olusekelwe kubungqina kwi-CFS, ithelekise iindlela ezintsha ezifaka isandla kwimisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya ezinzileyo. Ukuba kufunyaniswa ukuba iindlela zokusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo zitshintsha ngokungaphaya kunezo zijolise 'ekonyusweni okuzinzileyo',[3] oko kufaka isandla ngokuzinzileyo kufikelelo nasekusetyenzisweni kokutya, ngokunjalo nolingano nokuthatha inxaxheba ekuhlaleni. I-HLPE ifake imithethosiseko eli-13 kwimisebenzi yehlabathi kunye neenzululwazi yokusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo esetyenziswa kutshintsho kwimisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya. Eminye yale isebenza kwinqanaba leefama kunye nenkqubo ebandakanya ukudibana phakathi kwezinto eziphilayo nommandla, eminye kwimisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya ebanzi, kwaye eminye inokusetyenziswa kuwo onke amanqanaba.

3. Ukonyuswa okuzinzileyo yindlela esebenzisa izinto ezintsha eziveliswayo ukonyusa ukuvelisa/isiveliso kumhlaba wezolimo osele ukhona ngaphandle kweempembelelo ezimbi kokusingqongileyo, kodwa ngaphandle kokutshintsha ulwakheko okanye ubunini bokuvelisa.

Ezi zihambelana kakuhle nemiba emithathu engundoqo leyo abasebenzi kunye nemibutho yenkxaso eMzantsi Afrika bayichonge njengeyimfuneko ekusetyenzisweni kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo, eyile:

Umba ongundoqo	Imithethosiseko eli-13 ye-HLPE
Uzinzo kokusingqongileyo	Ukulungisa izinto ebezisetyenzisiwe ukuze zisetyenziswe kwakhona, ukwehliswa komthombo, impilo yomhlaba, impilo yezilwanyana, iindidi zezityalo nezilwanyana ezohlukeneyo, ulawulo lomhlaba nemithombo yendalo, intsebenziswano (ukuvelisa)
Ubulungisa basekuhlaleni nokuthathela ingqalelo	Ukuyilwa kunye kolwazi (ukwamkela ulwazi lwengingqi kunye neenzululwazi zehlabathi), iinqobo ezisemgangathweni zentlalo nezondlo, uthatho nxaxheba
Ubulungisa nothatho nxaxheba kwezoqoqosho	Iyantlukwano yezoqoqosho, ubulungisa, ukudibana, intsebenziswano (ezoqoqosho)

Intlekele yemozulu ayiyongxakeko ikuphela kwayo emakujongwane nayo, kodwa lithuba lokwakha imisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya ekusetyenzisweni kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo ezinobulungisa, ezondla abantu, ezikhusela indalo kwaye zisigcine, kwaye zakhe ilungelo labantu lokutya okunempilo.

Iireferensi

Eli phepha linika ulwazi olululuncedo luthatha ulwazi kwiPhepha eliNika uLwazi oluluNcedo leBiowatch: UTshintsho lweMozulu kunye nemisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya yamashishini. Jonga: https://biowatch.org.za/download/factsheet-climate-change-and-food/

Izingqinisiso ezongezelelekileyo ziquka:

HLPE. 2019. Ukusetyenziswa kwemithethosiseko yendalo kwiinkqubo zolimo kunye nezinye iindlela zokuvelisa izinto ezintsha nemisebenzi yokuvelisa kuye ekutyiweni kokutya enyusa ukufumaneka kokutya nesondlo. Ingxelo yePhaneli ekwiNqanaba eliPhezulu yeeNgcali ekuFumanekeni kokuTya neSondlo yeKomiti ekuFumanekeni kokuTya kwiHlabathi, eRome.